Downloaded from Stanmorephysics.com

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMABINI:

   ICANDELO A: Isincoko (50)
   ICANDELO B: Imihlathi (2 x 25) (50)

2. Phendula umbuzo ubeMNYE kwiCANDELO A, kunye nemibuzo emiBINI kwiCANDELO B.

3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.

4. Qala ICANDELO ngaLINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Kunyanzelekile ukuba ucwangcise (usebenzisa isazobe/iflowutshathi/ amagama angundoqo, njl.njl), uhlele uze uwufundisise umsebenzi wakho. Qala ngokucwangcisa PHAMBI kokuba ubhale izincoko nemihlathi.

6. Lonke uyilo maluphawulwe ngokucacileyo. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlayo ukuba uthe walwenza.

7. Uyacetyiswa ukuba ulabe ixesha ngolu hlobo:

   ICANDELO A: Malunga nemizuzu engama-100
   ICANDELO B: Malunga nemizuzu engama-(2 x 40) 80

8. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

9. Masingathathelwa ngqalelo isihloko xa kubalwa inani lamagama.

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO A: IZINCOKO

Khetha isihloko sibesiNYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso. Bhala amagama angama-340–390.

**UMBUZO 1**

1.1 Ndabhaqa imfihlelo yekhaya, batshintsha ubomi bam **[50]**

1.2 Akalibaleki. Isatsho nangoku ezindlebeni eyokugqibela kwezakhe iingoma **[50]**

1.3 Waphela nyakandini kaz' ba omtsha uphethe ntoni **[50]**

1.4 Imbila yaswel' umsila ngokuyalezela **[50]**

1.5 Ukuzityand' igila kumhlobo kuluncedo kodwa ... **[50]**

1.6 Ukupheliswa kweeholide zesikolo kungalunga **[50]**

Khetha umfanekiso ube MNYE kule ingezantsi ubhale isincoko. Bhala inombolo yombuzo (1.7 OKANYE 1.8). Nika isincoko sakho isihloko esifanelekileyo.

**QAPHELA:** Makubekho ukuzalana okucacileyo phakathi kwesincoko nomfanekiso owukhethileyo.

1.7



[Ucatshulwe kwi-intanethi: https://www.google.com/search =agriculture+images] **[50]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO B: IMIHLATHI

Khetha imihlathi ibemiBINI kule ilandelayo uze ubhale ngayo. Bhala amagama ali-100–120 (umxholo kuphela).

### UMBUZO 2

2.1 **ILETA YOBUHLOBO**

Bhalela umhlobo wakho ileta umbulele ngokutyala umoya wenkqubela phambili kumntu othe wasondela kuye. **[25]**

2.2 **ILETA ESESIKWENI**

Bhala ileta eya kusihlalo wekomiti yethala leencwadi lesikolo sakho uncome amalinge enziwe yikomiti nathe anesiphumo sokuba ithala leencwadi liphuphume ngabafundi, kubuyiselwe neencwadi ebezingasabuyi, de kwancumisa neziphumo zekota yokugqibela. **[25]**

2.3 **I-OBHITSHUWARI**

Bhala i-obhitshuwari kaSomashishini obexhasa uphuhliso lwengingqi yakho. **[25]**

2.4 **UDLIWANONDLEBE**

UnguBuntu, bhala udliwanondlebe olujonge ukufumana ulwazi kuSiya ngohlobo lweeteki azithengisayo. **[25]**

2.5 **INQAKU LEMAGAZINI**

Kwikhasi lika*Facebook* u '*Iyanditya le nto'*, kuvela abantu abachaneke ngenxa yendlela abakhethe ngayo abahlobo.

Bhala inqaku lemagazini njengomlandeli weli khasi, ucebise abantu ngendlela yokukhetha abahlobo. **[25]**

2.6 **INGXELO ESESIKWENI**

Isikolo senu sifuna ukuvala isifundo sezolimo nemfuyo. Ningabafundi besi sifundo nenze uphando ngeendlela esi sifundo esisisombululo ngazo kwiphulo lokukhulisa ezoqoqosho**.**

Bhala ingxelo eya kwiQumrhu elilawula isikolo (*SGB*) unike iziphumo zolu phando. **[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 50**
**AMANQAKU EWONKE: 100**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**IINKCUKACHA EZIYA KUBAMAKISHI**

Ekuhloleni umsebenzi wabaviwa, le miba ilandelayo, eminye yayo icatshulwe kwirubrikhi yokuhlola, mayithathelwe ingqalelo:

- Makubekho ubungqina bokucwangcisa, bokuhlaziya, bokuhlela nobokulungisa iziphene kumsebenzi aza kuwunikezela.
- Makayazi injongo, abantu ajolise kubo nomxholo – kwakunye nerejista, isimbo sokubhala nethoni.
- Ukusetyenziwa kolwimi, upelo neempawu zobhalo.
- Izakhi zolwimi zibandakanya ulwazi olunzulu ngolwimi.
- Ukhetho magama nokusetyenziswa kwezafobe.
- Ukubunjwa kwezivakalisi.
- Ukubhalwa kwemihlathi.
- Ukutolikwa kwesihloko esiza kuvezwa kumxholo ngokupheleleyo: Intshayelelo, ukukhuliswa kwezimvo nesiphelo.
- Nangona umviwa ekhuthazwa ukuba abhale inombolo nesihloko sombuzo kuyacetyiswa ukuba othe waphazama akasibhala isihloko enombole ngokuchanekileyo anganyityelwa manqaku.
- Xa umviwa edlulisile kwinani lamagama amiselweyo kwimpendulo yakhe makanganyityelwa manqaku kuba irubrikhi sele iziqingqile izohlwayo.

Downloaded from Stanmorephysics.com

## IINGCEBISO NGENDLELA YOKUMAKISHA

### ICANDELO A: ISINCOKO

Jonga kwiCANDELO A: Irubrikhi yokuhlola isincoko ifumaneka kwiphepha le-15 ukuya kwele-16 lesi sikhokelo sokumakisha.

| IMIQATHANGO ESETYENZISELWA UVAVANYO | |
|---|---|
| **IMIQATHANGO** | **AMANQAKU** |
| UMXHOLO NOCWANGCISO | 30 |
| ULWIMI, ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA | 15 |
| ISAKHIWO | 5 |
| AMANQAKU EWONKE | 50 |

### ICANDELO B: IMIHLATHI

Jonga kwiCANDELO B: Irubrikhi yokuhlola imihlathi efumaneka kwiphepha le-17 lesi sikhokelo sokumakisha.

| IMIQATHANGO ESETYENZISELWA UVAVANYO | |
|---|---|
| **IMIQATHANGO** | **AMANQAKU** |
| UMXHOLO, UCWANGCISO NEFOMATHI | 15 |
| ULWIMI, ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA | 10 |
| AMANQAKU EWONKE | 25 |

1. Funda umhlathi wonke uze ugqibe ngenqanaba loMXHOLO, UCWANGCISO neFOMATHI.

2. Funda umhlathi kwakhona uze ukhethe inqanaba elichanekileyo loLWIMI, ISIMBO SOKUBHALA nokuHLELA.

**QAPHELA:**

- Iifomathi ezahlukileyo zemihlathi/ezifundisiweyo ziyasetyenziswa. Oku kufuneka kuthatyathelwe ingqalelo xa kuhlolwa ifomathi.
- Nika amanqaku ngefomathi echanekileyo.
- Jonga uthungelwano lwezimvo kuko konke okubhaliweyo.

**QAPHELA:**

- **Amanqaku anikwe ngezantsi kwisihloko ngasinye kwesi sikhokelo sokumakisha asetyenziswa <u>kuphela</u> njengesikhokelo kubamakishi.**
- **Makwamkelwe indlela umviwa ngamnye asitolike ngayo isihloko, nokuba iyohluka kumanqaku anikiweyo, okanye kwiimbono okanye iindlela asitolika ngayo ummakishi.**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO A: IZINCOKO

Kulindeleke ukuba umviwa abhale isincoko esiNYE esinomthamo wamagama angama-340–390 ngesiNYE sezihloko ezinikiweyo. Umviwa angabhala naluphi na udidi lwesincoko: esibalisayo, esichazayo, esixoxayo, esivelela amacala amabini, esicamngcayo, okanye naziphi na ezidityanisiweyo kwezi ngesihloko asikhethileyo.

### IIMPAWU ZESINCOKO

**Isincoko esibalisayo:**

- Makasebenzise ixesha eladlulayo/elidlulileyo/elimiyo.
- Sibhalwa kumntu wokuqala okanye owesithathu
- Makabonise ulwazi ngesihloko asikhethileyo.
- Abalinganiswa, isimo sentlalo, izizathu zokuhla kwezehlo ukuya kwisiphelo mazibonakale.
- Iziganeko zichazwe/zibaliswe ngokulandelelana kwazo okanye zicace ezingunobangela wezinye, kungenjalo angasebenzisa izixhobo ezifana nophuphelo okanye ukuqala ngesenzo esingekehli/ sokugqibela.
- Sisebenzisa amagama abonisa ixesha afana noo-emva, phambi, ngeli xesha.
- Sisebenzisa intetho yababini/ukuzithethela kwabalinganiswa.
- Ulwimi olusetyenzisiweyo malube lolokudala ifuthe noluchukumisayo kofunda isincoko, lungekrwada phofu.

**Isincoko esichazayo:**

- Sinokubhalwa ngokwexesha elidlulileyo okanye elangoku.
- Sichaza into/umntu/indawo/imeko, njalo njalo.
- Sisebenzisa amagama okudala umfanekiso.
- Sisebenzisa izixhobo zokuchaza ezifana nezichazi, imifanekiso-ntelekelelo, izihlomelo, neziphuhlisayo ezifana nezifanekisozwi.
- Sisebenzisa imifanekiso-ntelekelelo nezafobe zentetho.
- Sivakalisa iimvakalelo zombhali.

**Isincoko esicamngcayo:**

- Siveza uvakalelo lombhali ngesigama esibonakalisa amava akhe.
- Siveza uchukumiseko ngomba ekubhalwa ngawo.
- Uvakalelo olungundoqo ludlala indima enkulu.
- Ubukhulu becala esi sincoko siyachaza. (Sisebenzisa izixhobo zokuchaza ezifana nezichazi, imifanekiso – ntelekelelo, izihlomelo, neziphuhlisayo ezifana nezifanekisozwi kwakunye nezafobe zentetho.)
- Uvakalelo lombhali maluveze ukunyaniseka kunye nokubandakanyeka.

**Isincoko esixoxayo:**

- Umviwa uthatha icala ngomba othile.
- Uthotho lweengxoxo – oludla ngokuba kwimo engengcaciso ngeengongoma ezithile.
- Ukubethelela – isishwankathelo nokuphindelela kwinkcazelo engoluvo oluthile lokuvula.

Downloaded from Stanmorephysics.com

- Kwingxoxo yakhe unika ubungqina obuxhasayo obusenokuba ngamanani okanye ukucaphula kumava anawo ayinyani.
- Usenokuxoxela okuthile echasa enika ubungqina obuxhasayo.
- Isiphelo sisenokuba sisishwankathelo neengcebiso.

**Kwisincoko esivelela amacala omabini:**
- Inkcazelo engomba inokuba ngengxoxo ephambili.
- Umviwa uwaphatha omabini amacala engxoxo.
- Uxoxela okuthile enika ubungqina obuxhasayo.
- Unokulandela isakhiwo esithi umhlathi umela uluvo oluvumayo, kolandelayo, luchase, kungenjalo avume ekuqaleni komhlathi aze achase ekupheleni, kodwa makalunike olwakhe uluvo xa evala.
- Unokuxoxela okuthile echasa/evuma nokunika ubungqina obuyinyani obuxhasayo.
- Isiphelo – isishwankathelo neengcebiso.
- Makabonise ulwazi ngesihloko nangomba axoxa ngawo.

**UMBUZO 1**

1.1 **Ndabhaqa imfihlelo yekhaya, batshintsha ubomi bam**

Isincoko singabalisa/chaza/camngca/xoxela amacala omabini/xoxela icala elinye.
Isincoko masicwangciswe ngokukuko.
Impendulo isenokuba kwinqanaba lentsingiselo yentsusa/efihlakeleyo/ lomxube weentsingiselo zempendulo.
Imo mayifaneleke: intshayelelo, isiqu nesiphelo.

**Umxholo:**
- Umviwa angabhala ngesiganeko nokuba sihle okanye sibi nesenze kwavela le mfihlelo kwatshintsha ubomi bakhe.
- Angabhala ngabantu abachaphazelekayo kule mfihlelo ayibhaqileyo.
- Umviwa anganika impendulo eveza ubomi bakhe butshintsha ngendlela ebekukudala eyinqwenela okanye ebengayilindelanga.
- Umviwa anganika impendulo eveza ubomi bakhe butshintsha bufana nencindi yobusi/yekhala emva kokubhaqa le mfihlelo.
- Angabhala ngeemvakalelo zamanye amalungu osapho ngenxa yokuvela kwale mfihlelo.
- Umviwa angabhala ngendima edlalwe yile mfihlo kusapho lonke.

[Nawuphi na umxholo ohambelana nesihloko uya kwamkelwa.]

**Ulwimi:**

- Ulwimi maluhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo. **[50]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

1.2 **Akalibaleki. Isatsho nangoku ezindlebeni eyokugqibela kwezakhe iingoma**

Isincoko singabalisa/chaza/camngca/xoxela amacala omabini/xoxela icala elinye.
Isincoko masicwangciswe ngokukuko.
Impendulo isenokuba kwinqanaba lentsingiselo yentsusa/efihlakeleyo/azixube iintsingiselo zempendulo.
Imo efanelekileyo: intshayelelo, isiqu nesiphelo.

**Umxholo:**
- Angabhala ngeenkumbulo ngemvumi nengoma yayo yokugqibela.
- Angabhala ngemvumi engasaphiliyo kodwa ibe iingoma yayo isaphila ngathi nemvumi isaphila.
- Kungangemvumi engasaculiyo kodwa ingoma yayo yokugqibela isavutha.

[Nawuphi na umxholo ohambelana nesihloko uya kwamkelwa.]

**Ulwimi:**
Ulwimi maluhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo. **[50]**

1.3 **Waphela nyakandini kaz' ba omtsha uphethe ntoni**

Isincoko singabalisa/chaza/camngca/xoxela amacala omabini/xoxela icala elinye.
Isincoko masicwangciswe ngokukuko.
Impendulo isenokuba kwinqanaba lentsingiselo yentsusa/efihlakeleyo/azixube iintsingiselo zempendulo.
Imo efanelekileyo: intshayelelo, isiqu nesiphelo.

**Umxholo:**
- Angabhala ngeziganeko zonyaka ophelayo nethemba/nkxalabo yonyaka olandelayo.
- Kungangesiganeko esingalibalekiyo esehle kulo nyaka nakujongileyo ngolandelayo unyaka.
- Angabhala ngokudlulisa konke okwenzeke kulo nyaka ngethemba lokuza konyaka olandelayo

[Nawuphi na umxholo ohambelana nesihloko uya kwamkelwa.]

**Ulwimi:**
Ulwimi maluhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo. **[50]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

1.4 **Imbila yaswel' umsila ngokuyalezela**

Isincoko singabalisa/chaza/camngca/xoxela amacala omabini/xoxela icala elinye.
Isincoko masicwangciswe ngokukuko.
Impendulo isenokuba kwinqanaba lentsingiselo yentsusa/efihlakeleyo/azixube iintsingiselo zempendulo.
Imo efanelekileyo: intshayelelo, isiqu nesiphelo.

**Umxholo:**
- Ingalibali lemini enye/leemini eziliqela/isiganeko/iziganeko/imeko yokuphulukana nento ongowuyifumene ngenxa yokuthumela abantu ukuba bakwenzele/bakuphathele ze bangayenzi.
- Angabhala ngeziphumo zokwenqena uthembele komnye umntu ngengxaki yakho ze ingaphumeleli.
- Kungangemeko yokuthembela komnye umntu ngengxaki yakho ze uphoxeke.

[Nawuphi na umxholo ohambelana nesihloko uya kwamkelwa]

**Ulwimi:**
Ulwimi maluhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo. **[50]**

1.5 **Ukuzityand' igila kumhlobo kuluncedo kodwa ...**

Isincoko singabalisa/chaza/camngca/xoxela amacala omabini/xoxela icala elinye.
Isincoko masicwangciswe ngokukuko.
Impendulo isenokuba kwinqanaba lentsingiselo yentsusa/efihlakeleyo/azixube iintsingiselo zempendulo.
Imo efanelekileyo: intshayelelo, isiqu nesiphelo.

**Umxholo:**
- Angabhala ngokuba ukuthetha ngeengxaki zakho kungakunceda kunako nokukongezela iingxaki
- Angabhala ngokulungileyo okuza nokuthetha iingxaki yakho kwanokungalunganga.
- Angabhala ngemingeni neengcebiso ngokwaziwa kwemeko yakho.
- Uluvo/iingcebiso ngokukhupha imbilini.

[Nawuphi na umxholo ohambelana nesihloko uya kwamkelwa.]

**Ulwimi:**
Ulwimi maluhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo. **[50]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

1.6 **Ukupheliswa kweeholide zesikolo kungalunga**

Isincoko singabalisa/chaza/camngca/xoxela amacala omabini/xoxela icala elinye.
Isincoko masicwangciswe ngokukuko.
Impendulo isenokuba kwinqanaba lentsingiselo yentsusa/efihlakeleyo/ azixube iintsingiselo zempendulo.
Imo efanelekileyo: intshayelelo, isiqu nesiphelo.

**Umxholo:**
- Angabhala ngoncedo olunokuza nokupheliswa kweeholide zesikolo.
- Angabhala ngeengxaki eziza nokupheliswa kweeholide nezisombululo.
- Angabhala ngeziphumo zokupheliswa kweeholide zesikolo.

[Nawuphi na umxholo ohambelana nesihloko uya kwamkelwa.]

**Ulwimi:**
Ulwimi maluhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo. **[50]**

1.7 Umviwa makanike isihloko esifanelekileyo.
Isincoko singabalisa/chaza/camngca/xoxela amacala omabini/ xoxela icala elinye.
Isincoko masicwangciswe ngokukuko.
Impendulo isenokuba kwinqanaba lentsingiselo yentsusa/efihlakeleyo/ azixube iintsingiselo zempendulo.
Imo efanelekileyo: intshayelelo, isiqu nesiphelo.

**Umxholo:**
- Angabhala ngokubaluleka kokulima.
- Angabhala ngokonyuka koqoqosho oluza nokulima.
- Ungangamanqanaba okukhula komntu.
- Angabhala ngamathuba emisebenzi eza nolimo.
- Ungangokutshintshatshintsha kweemeko zobomi.

[Nawuphi na umxholo ohambelana nesihloko uya kwamkelwa.]

**Ulwimi:**
Ulwimi maluhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo. **[50]**

1.8 Umviwa makanike isihloko esifanelekileyo.
Isincoko singabalisa/chaza/camngca/xoxela amacala omabini/ xoxela icala elinye.
Isincoko masicwangciswe ngokukuko.
Impendulo isenokuba kwinqanaba lentsingiselo yentsusa/efihlakeleyo/azixube iintsingiselo zempendulo.
Imo efanelekileyo: intshayelelo, isiqu nesiphelo.

Downloaded from Stanmorephysics.com


**Umxholo:**
- Angabhala ngexesha leKrisimesi.
- Angabalisa ngamava akhe ngexesha leKrisimesi.
- Angabhala ngezipho awazifumanayo/azipha abanye abantu ngexesha leKrisimesi
- Kungangemvelaphi yeKrisimesi/kaTata weKrisimesi neenkolelo ngaye.
- Angabhala ngethemba nokhanyo aza nalo uTata weKrisimesi.

[Nawuphi na umxholo ohambelana nesihloko uya kwamkelwa.]

**Ulwimi:**
Ulwimi maluhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo. **[50]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 50**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO B: IMIHLATHI

### UMBUZO 2

Kulindeleke ukuba umviwa abhale imihlathi emiBINI kule ibuziweyo. Ubude beempendulo mabube li-100-120 amagama umxholo kuphela. Ulwimi, irejista, isimbo sokubhala nethoni mayifanelane nenjongo yobhalo.

2.1 **ILETA YOBUHLOBO**

**Ifomathi, ucwangciso nomxholo [15]**

- Idilesi inye ibhalwa ngendlela eyamkelekileyo iqalwe kwisiqingatha sephepha, ime, ingaxwesi. Umhla, inyanga nonyaka ebhalwe ngawo mawubhalwe ngasezantsi kwedilesi (inyanga mayibhalwe ngokwamagama ingengawo amanani umz. 12 Matshi 2023)
- Kuvumelekile ukuboleka igama lesiNgesi xa ubhala inyanga kodwa ulibhale ngesiXhosa (umz. Matshi) okanye usebenzise amagama entsusa (umzekelo: Kwindla).
- Emva kwedilesi makulandele isibuliso (umz. Sisipho endimthandayo).
- Makushiywe umgca phakathi kwedilesi nesibuliso (isibuliso sibhalwa ngesiXhosa).
- Makungabhalwa ziphumlisi nezingxi kwidilesi, kwisibuliso nakwisiphelo.
- Mayahlulwe imihlathi yesiqu ngokweengcamango ezahlukileyo
- Umxholo mawubemalunga nokubulela umhlobo ngokutyala umoya wenkqubelaphambili kumntu abazimanye naye.
- Mayiqukunjelwe ileta ngeminqweno emihle.
- Kwisiphelo seleta yobuhlobo kubhalwe: “umhlobo wakho, kunye negama elingenafani. (Akuvumelekanga ukuba afake intsayinogama.)

**Ulwimi isimbo sokubhala nokuhlela:[10]**
**Ulwimi.**
- Kusetyenziswa ulwimi olungandilisekanga, irejista engekho sesikweni nefanele abahlobo.
- Isigama sibesesokubalisa. **[25]**

2.2 **ILETA ESESIKWENI**

**Ifomathi, ucwangciso nomxholo [15]**

- Iidilesi zimbini enye ibhalwa kwicala lasekunene, eyombhali weleta ilandelwe yeyomntu obhalelwayo ekwicala langasekhohlo.
- Igama lesitalato, ilokishi nedolophu zibhalwa ngokupheleleyo. (azisetyenziswa izifinyezi).
- Mazingasetyenziswa izingxi kwidilesi, isibuliso nesiphelo.
- Kulandela umcimbi.
- Isibuliso – akunyanzelekanga ukuba abizwe ngegama ombhalelayo kwamkelekile ukusebenzisa uMhlekazi/Nkosazana/Nkosikazi.
- Isakhiwo siquka intshayelelo, isiqu nesiphelo.

Downloaded from Stanmorephysics.com

- Umxholo weleta mawubemalunga nokuncoma ikomiti yethala leencwadi ngamalinge ewenzileyo abenesiphumo sokuba ithala leencwadi liphuphume ngabafundi, kubuyiselwe iincwadi de kuncumise neziphumo zekota yokugqibela
- Umhlathi wokuqala mawunike intsusa nezizathu zokubhala.
- Umhlathi olandelayo ukhulisa umxholo.
- Umhlathi wokugqibela unamazwi okuqukumbela neengcebiso kwiingxaki.
- Isiphelo sibeseseleta esesikweni size silandelwe yifani noonobumba-magama ombhali.

**Ulwimi isimbo sokubhala nokuhlela:[10]**
- Ithoni nerejista isesikweni.
- Ulwimi malube lolusesikweni, luvakale, lusulungeke.

Ubhalo maluvakale, luyondelelane, lucace lubesemxholweni. **[25]**

2.3 **I-OBHITSHUWARI**

**Ifomathi, ucwangciso nomxholo [15]**
Mayibhalwe kumntu wesithathu hayi kumntu wokuqala (NDI-). Injongo yayo kukukhumbula lowo ungasekhoyo.

**Umhlathi woku-1**
- Mawube namagama omfi, umhla wokuzalwa indawo azalelwe kuyo, umnombo (abazali), umhla wokubhubha, indawo abhubhele kuyo, (unobangela wokubhubha angafakwa). (Isaziso ngobhubhileyo)

**Umhlathi wesi-2**
- Imfundo yakhe: kumabanga asezantsi kunye naphakamileyo.
- Amava akhe ngokomsebenzi. (Ukuba nguSomashishini).
- Igalelo lakhe ekuhlaleni; izinto ebekholelwa kuzo; ebezibalule ngazo nezinto aya kukhunjulwa ngazo.

**Umhlathi wesi-3**
- Amabalana ngaye. Iinkumbulo anazo amalungu osapho, izihlobo nezalamane zakhe ngaye, amazwi okukhapha lo ungasekhoyo (umfi).
- Kufuneka konke oku kuzobe umfanekiso ocace gca ngaye, ukuba ebengumntu onjani. (IYULOJI)

**Umhlathi wesi-4**
- Amazwi ovelwano kusapho lomfi nezalamane.

**Ulwimi/isimbo sokubhala nokuhlela [10]**

- Kusetyenziswa ulwimi olundilisekileyo kodwa lungantsonkothi.
- Isigama singqamana nomxholo we-obhitshuwari.
- Khetha isigama esichanayo nesikwazi ukuyithetha yonke into ofuna ukuyithetha. **[25]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

2.4 **UDLIWANONDLEBE**

**Ifomathi, ucwangciso nomxholo: [15]**

- Udliwanondlebe malubhalwe njengoko lusenzeka.
- Kwintshayelelo makunikwe iinkcukacha malunga nenjongo yodliwanondlebe, indima yabadlali, nendawo oluqhubeka kuyo udliwanondlebe.
- Amagama ezithethi makabhalwe kwicala lasekhohlo.
- Makungabhalwa nto phantsi kwamagama ezithethi.
- Makushiywe umgca phakathi kwezithethi.
- Imibuzo mayicace ingqale kwaye ibuzelwe iinjongo ezisekelwe ekufezeni iinjongo zokuqhutywa kodliwanondlebe.
- Umxholo mawube nenjongo yokufumana ulwazi kuSiya ngeeteki azithengisayo.
- Ophendulayo makanike iimpendulo ezingqale kokubuzwayo angawanqi.
- Imibuzo mayibe yengathathi cala, engacaluliyo.
- Imibuzo mayibeluhlobo lwemibuzo evulelekileyo.
- Iimpendulo mazibonise ulwazi oluphangaleleyo nolunzulu malunga nesihloko eso, kwaye zinike inkcaza nengcaciso kangangoko.
- Makungasetyenziswa zimpawu zocaphulo.
- Obuzayo nophendulayo banakho ukuthetha kumntu wokuqala (Basebenzise u-'ndi-').

**Ulwimi olusetyenziswayo kudliwanondlebe:**

- Kusetyenziswa ulwimi olundilisekileyo kodwa lungantsonkothi.
- Isigama singqamana nomxholo wodliwanondlebe.
- Khetha isigama esichanayo nesikwazi ukuyithetha yonke into ofuna ukuyithetha ngamagama ambalwa/ngokufutshane, uzekelisa. **[25]**

2.5 **INQAKU LEMAGAZINI**

**Ifomathi, ucwangciso nomxholo [15]**

**Isakhiwo**

- Isakhiwo masahlulwe ngokwemihlathi:
- Amagama alowo ubhala inqaku makavele ezantsi kwesihloko, ixesha nendawo.
- Umhlathi otshayelelayo, isiqu nomhlathi ophethayo.
- Le mihlathi ingabhalwa ngemo yeekholamu.
- Isihloko masibe sifutshane sitsale umdla wabantu.
- Isihloko masiqulathe owona ndoqo wenqaku.
- Amagama alowo ubhale inqaku makavele ezantsi kwesihloko
- Makubhalwe okuyinyani hayi uluvo.
- Malahlulwe ngokweekholamu ukuze kubelula kofundayo ukulilandela ngokukhawuleza inqaku.
- Umxholo mawubengowokucebisa ngendlela yokukhetha abahlobo.
- Malikhankanywe igama lomthombo ekuzuzwe kulo ulwazi, ukuba ngumntu makakhankanywe.

Downloaded from Stanmorephysics.com

- Isihloko, ithoni kunye nesimbo sokubhala sixhomekeka kuhlobo lwenqaku, isimo sombhali wenqaku kunye nababhalelwa.

**Ulwimi/isimbo sokubhala nokuhlela [10]**

- Makusetyenziswe amagama achukumisayo.
- Inqaku malibhalwe kumntu wesithathu.
- Amagama abantu mawabandakanywe ukuze kubonakale ubunyani benqaku elo ibe lelikholelekayo.
- Makusetyenziswe intetho-ngqo efakwe kwiimpawu zocaphulo xa kucatshulwa iintetho zabantu, oku kunikisa umdla nogxininiso kumba ekuthethwa ngawo.
- Izenzi ezikwixesha langoku nexesha eladlulayo zakusoloko zifumaneka kweli nqaku.
- Linokusebenzisa umxube wolwimi olusesikweni nolungekho sesikweni ngakumbi oluquka iintetho zemihla ngemihla.
- Ulwimi olucengayo.
- Ukusebenzisa imifanekiso ngqondweni nenkcazelo. **[25]**

2.6 **INGXELO ESESIKWENI**

**Ifomathi, ucwangciso nomxholo [15]**

- Imiba mayibhalwe ngokweengongoma.
- Isihloko sengxelo masibesifutshane, sibebanzi kwaye sisebenze njengesishwankathelo sokuqulathwe yingxelo. Ingxelo inokuba yephandwayo okanye eboniweyo.
- Mayibenombhali wayo onegama aze ayisayine kunye nomhla ebhalwe ngawo.
- Isihloko sengxelo masingabhekiseli mntwini kodwa kufuneka igama lesikolo lixeliwe.

**Isakhiwo sengxelo**
**Intshayelelo**
- Makusetyenziswe amazwi ambalwa nakhethekileyo.
- Kwintshayelelo makuchazwe oku kulandelayo: Ngubani oyaleleyo ukuba kubhalwe ingxelo? (Makachaze igama nesikhundla sakhe).
- Nini? (Umhla afumene ngawo imiyalelo kunye nomhla ekufuneka kugqitywe ngayo ingxelo).
- Wenze ntoni? (Xela isimo sophando lwakhe).

**Isiqu**
- Mawucace gca umba ekuthethwa ngawo kwaphaya kwisihloko. Yahlulwahlulwe ngokwemihlathi, mihlathi leyo equlathe iingcamango ezahlukileyo.
- Umxholo mawubemalunga nokubaluleka kolimo nemfuyo njengezixhobo kwiphulo lokukhulisa ezoqoqosho.
- Okufunyanisweyo – kufuneka kuchazwe ngokungaqhutywa luluvo okanye kungathathwa izigqibo.
- Makubekho uthungelwano, uyondelelwano nonxibelelwano lwezimvo okanye iziganeko.

Downloaded from Stanmorephysics.com

**Isiphelo**

- Umbhali uye aveze iziphakamiso, izivumelwano kunye neengcebiso. Makabhale igama lalowo uqulunqe le ngxelo**.**

**Ulwimi/isimbo sokubhala nokuhlela[10]**

- Ulwimi nethoni ngokodidi lwengxelo leyo yenziwayo.
- Kusetyenziswa ulwimi olusesikweni, izibizo gabalala, umntu wesithathu
- Amagama namabinza abhekise kwimeko (enjengobugcisa), izindululo, izalathisi nezihlomelelo.
- Qaphela ithoni, irejista, isimbo sokubhala, isigama esifanelene nenjongo okanye isimo sentlalo.
- Kusetyenziswa ingxelo-ntetho.
- Iingcebiso- kukho ulwalamano phakathi kwezigqibo neengcebiso.
- Ngoko iingcebiso zakho kufuneka zisekelwe kwizigqibo. **[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 50**
**AMANQAKU EWONKE: 100**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ICANDELO A: IZINCOKO – AMANQAKU**

- Sebenzisa le rubrikhi rhoqo xa umakisha izincoko (Zephepha lesi-3, Icandelo A)
- Amanqaku ukusukela kweli-0 ukuya kwangama-50 ahlula-hlulwe ngokwamanqanaba amahlanu.
- Imigangatho yomxholo, ulwimi nesimbo, inqanaba ngalinye kula mahlanu lahlula-hlulwe kubini, kwakho amanqaku abelwe abo banezincoko ezikwinqwanqwa eliphakamileyo nezo zikwinqwanqwa elingezantsi kwinqanaba ngalinye.
- Isakhiwo asichatshazelwa kukwahlulwa ngokwenqwanqwa eliphezulu nelisezantsi.

| Imiqathango | | Egqwesileyo | Esemagqabini neqaqambileyo | Eyanelisayo nefanelekileyo | Eyinxalenye | Engaphumelelanga |
|---|---|---|---|---|---|---|
| **UMXHOLO NOCWANGCISO**<br><br>**(Impendulo nezimvo)**<br>Uyondelelwaniso lwezimvo ngokucwangcisa<br>Ukuqonda injongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nesimo sentlalo<br><br>**30 AMANQAKU** | **Inqwanqwa eliphakamileyo** | **28–30** | **22–24** | **16–18** | **10–12** | **4–6** |
| | | -Impendulo igqwesile/ inomtsalane, ngaphezu koko bekulindelekile.<br>-Izimvo eziqiqisisiweyo, ezixhokonxa iingcinga nezivuthiweyo.<br>-Impendulo elungelelaniswe kakuhle ngokugqwesileyo enothungelwano (enonamathelwano) ukuquka intshayelelo, isiqu, ukuqukumbela/nesiphelo. | -Impendulo ixongxwe ngobugcisa.<br>-Izimvo zihambelana gingci nomxholo kwaye zinomdla zinobungqina bokuvuthwa.<br>-Ilungelelaniswe kakuhle kakhulu kwaye iyathungelana (inonamathelwano) kuquka intshayelelo, isiqu ukuqukumbela/nesiphelo. | -Impendulo iyanelisa.<br>-Izimvo ziyathungelana noko ziyaqinisekisa ngokusemxholweni.<br>-Ilungelelanisiwe noko kwaye iyathungelana kuquka intshayelelo, isiqu ukuqukumbela/ nesiphelo. | -Impendulo ayinaluthungelwano Lungqinelanayo.<br>-Izimvo azicacanga kwaye ayizizo ezomfundi.<br>-Buncinci ubungqina bolungelelwaniso nothungelwano lweengcamango. | -Impendulo ayihambelani nomxholo kwaphela.<br>-Izimvo ziyabhidisa kwaye azingqamananga kwaphela nomxholo.<br>-Azicacanga kwaye ziphindaphindiwe.<br>-Azilungelelaniswanga kwaye azithungelani. |
| | **Inqwanqwa elingezantsi** | **25–27** | **19–21** | **13–15** | **7–9** | **0–3** |
| | | -Impendulo egqwesileyo kodwa ineendawana esilela kuzo ukuba neempawu ezinomtsalane ogqwesileyo wesincoko esinkqenkqeza phambili.<br>-Izimvo ezivuthiweyo neziqiqisisiweyo.<br>-Izimvo zilungelelaniswe ngobugcisa. zinothungelwano (zinonamathelwano) kuquka intshayelelo, isiqu kunye nesiphelo. | -Impendulo ixongxwe kakuhle.<br>-Izimvo ziyahambelana zinomdla.<br>-Ilungelelaniswe kakuhle iyathungelana (inonamathelwano) kuquka intshayelelo, isiqu nesiphelo. | -Impendulo eyanelisayo nangona kumana kubakho izikhewu kwingcaciso.<br>-Izimvo ziyanamathelana ngokwanelisayo kwaye ziyaqinisekisa.<br>-Kukho ulungelelwaniso olufumanekayo nothungelwano kwintshayelelo, isiqu nesiphelo. | -Ubukhulu becala impendulo ayihambelani nomxholo.<br>-Izimvo zibonakalisa ukungahlangani nokubhidisa.<br>-Phantse bungabikho ubungqina bolungelelwaniso nothungelwano. | -Akukho linge lokuphendula isihloko.<br>-Ayihambelani kwaphela nomxholo kwaye ayifanelekanga.<br>-Ayingqamananga nomxholo kwaphela kwaye inobubhutyubhutyu. |

Downloaded from Stanmorephysics.com

| | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| **ULWIMI, ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA**<br>Ithoni, irejista, isimbo sokubhala nesigama esifanelene nenjongo/nesimo sentlalo.<br>Uchongo magama, ukusetyenziswa kolwimi nemigaqo, Iimpawu zokubhala, igrama, nopelo.<br><br>**15 AMANQAKU** | **Ingqwanqwa eliphakamileyo** | **14–15** | **11–12** | **8–9** | **5–6** | **0–3** |
| | | -Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, isigama zifaneleke kakhulu kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo nakwisimo sentlalo.<br>-Ulwimi lusetyenziswe ngokuzithemba, luyachukumisa ngokugqwesileyo.<br>-Ithoni edlwengula umxhelo nenobuciko.<br>-Phantse kungabikho nasinye isiphene segrama nopelo.<br>-Sixongxwe ngobugcisa obukhulu. | -Ithoni, irejista, isimbo sokubhala kunye nesigama ziqaqambe kakhulu kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo nesimo sentlalo.<br>-Ulwimi luchanekile kwaye ithoni isetyenzisiwe ngokufanelekileyo nangokuzinzileyo kwisincoko siphela.<br>-Ubukhulu becala akukho ziphene kwigrama nopelo.<br>-Sixongxwe kakuhle kakhulu. | -Ithoni, irejista, isimbo sokubhala nesigama zifanelekile kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo nesimo sentlalo.<br>-Ulwimi lusetyenziswe ngokufanelekileyo ukudlulisa umyalezo.<br>-Ithoni ifanelekile.<br>-Izixhobo zolwimi zisetyenzisiwe ukuphuhlisa nokuphucula umxholo. | -Ithoni, irejista, isimbo sokubhala nesigama azihambelani nenjongo, abantu ekujoliswe kubo nesimo sentlalo.<br>-Ulwimi lusetyenziswa ngendlela ebuthathaka.<br>-Ithoni nochongo magama azifanelekanga.<br>-Isigama sinqongophele kakhulu. | -Ulwimi alunantsingiselo.<br>-Ithoni, irejista, isimbo sokubhala nesigama azihambelani mpela nenjongo, abantu ekujoliswe kubo nesimo sentlalo.<br>-Ukusetyenziswa kwesigama kunqongophele ngokubaxekileyo de ungakwazi ukuqonda okubhaliweyo. |
| | **Ingqwanqwa elingezantsi** | **13** | **10** | **7** | **4** | |
| | | -Ulwimi lugqwesile kwaye kusetyenziswe izixhobo zolwimi ezibonakalisa ubuciko ngokufanelekileyo.<br>-Phantse kungabikho nasinye isiphene segrama nopelo.<br>-Sixongxwe ngobugcisa. | -Ulwimi luyakuthimba kwaye ubukhulu becala luchanekile.<br>-Ithoni iqaqambile kwaye ichanekile.<br>-Zimbalwa iziphene zegrama nopelo.<br>-Sixongxwe kakuhle. | -Ukusetyenziswa kolwimi ngokwanelisayo kodwa kusekho ukungangqinelani apha naphaya.<br>-Ubukhulu becala ithoni ifanelekile kodwa usetyenziso zixhobo zolwimi lunqongophele. | -Ukusetyenziswa kolwimi ngokungafanelekanga.<br>-Kuncinci okanye akukho ukohluka – hlukana kwezivakalisi.<br>-Isigama sinqongophele ngokugqithisileyo. | |
| **ISAKHIWO**<br>Iimpawu zodidi lwesincoko, ukuphuhliswa kwemihlathi nokubunjwa kwezivakalisi.<br><br>**5 AMANQAKU** | | **5** | **4** | **3** | **2** | **0–1** |
| | | -Isihloko sikhuliswe ngokugqwesileyo.<br>-Iinkcukacha ezigqwesileyo.<br>-Izivakalisi, imihlathi zakhiwe ngokugqwesileyo. | -Iinkcukacha zakhiwe ngokulandelelana nangokuqiqisisiweyo.<br>-Ziyathungelana.<br>-Ukwakhiwa kwezivakalisi nemihlathi kuyahambelana, kwahluka-hlukene. | -Ukuphuhliswa kweenkcukacha ngokusemxholweni.<br>-Izivakalisi, imihlathi zakhiwe kakuhle.<br>-Isincoko sisesemxholweni. | -Kukho amanqaku asemxholweni.<br>-Izivakalisi nemihlathi zineemposiso.<br>-Isincoko sisesemxholweni nangona zisekhona iziphene. | -Amanqaku asemxholweni awakho.<br>-Ulwakhiwo lwezivakalisi nemihlathi lunobubhutyubhutyu.<br>-Isincoko siphume kwaphela emxholweni. |

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ISIHLOMELELO B: IRUBRIKHI YOKUHLOLA IMIHLATHI ULWIMI LWASEKHAYA [25 AMANQAKU]**

| Imiqathango | Egqwesileyo | Esemagqabini neqaqambileyo | Eyanelisayo nefanelekileyo | Eyinxalenye | Engaphumelelanga |
|---|---|---|---|---|---|
| **UMXHOLO, UCWANGCISO NEFOMATHI** | **13–15** | **10–12** | **7–9** | **4–6** | **0–3** |
| -Impendulo nezimvo.<br>-Ulungelelwaniso lwezimvo. nokucwangcisa<br>-Injongo, abantu ekujoliswe kubo, iimpawu/imigaqo nesimo sentlalo.<br><br>**15 AMANQAKU** | -Impendulo igqwesile ngaphezu koko bekulindelekile.<br>-Izimvo eziqiqisisiweyo nezivuthiweyo.<br>-Ulwazi olunzulu ngeempawu zohlobo lomhlathi obhaliweyo.<br>-Ubhalo lusemxholweni ncakasana.<br>-Ukuthungelana komxholo nezimvo.<br>-Icaciswe nzulu kwaye zonke iinkcukacha ziyasixhasa isihloko.<br>-Ifomathi yamkelekile kwaye ichanekile. | -Impendulo esemagqabini ebonisa ulwazi olululo ngeempawu zodidi lomhlathi.<br>-Ubhalo lusemxholweni.<br>-Ukuthungelana komxholo nezimvo, kucaciswe kakuhle kakhulu kwaye neenkcukacha zixhasa isihloko.<br>-Ifomathi efanelekileyo eneziphene ezingephi. | -Impendulo eyanelisayo ebonisa ulwazi ngeempawu zodidi lomhlathi.<br>-Ayikho mxholweni Ngokupheleleyo.<br>-Kukho ukuphambuka okungephi emxholweni.<br>-Ubukhulu becala uyathungelana umxholo nezimvo.<br>-Ezinye iinkcukacha ziyasixhasa isihloko.<br>-Ubukhulu becala ifomathi ifanelekile kodwa kukho iziphene ezingephi. | -Kubonakala ubunzima malunga nolwazi lweempawu zolu didi lwetekisi.<br>-Kukho ukungqamana okungephi okusemxholweni kodwa kukho ukuphambuka kubhalo.<br>-Akusoloko kukho uthungelwano phakathi komxholo nezimvo.<br>-Zimbalwa iinkcukacha ezixhasa isihloko.<br>-Imigaqo eyimfuneko yefomathi isetyenziswe ngokungacacanga.<br>-Imigaqo engundoqo yefomathi yetekisi ityeshelwe. | -Impendulo ibonakalisa ukunqongophala kolwazi ngeempawu zodidi lomhlathi.<br>-Intsingiselo ilahlekile kwaye akakho mxholweni kwaphela.<br>-Ayithungelani kumxholo nezimvo.<br>-Zimbalwa kakhulu iinkcukacha ezixhasa isihloko.<br>-Ayisetyenziswanga imigaqo eyimfuneko yefomathi. |
| **ULWIMI, ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA** | **9–10** | **7–8** | **5–6** | **3–4** | **0–2** |
| Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, injongo/ imeko, abantu ekujoliswe kubo nesimo sentlalo.<br>Ukusetyenziswa kolwimi nemigaqo yalo.<br>Uchongo magama.<br>Iimpawu zokubhala nopelo.<br><br>**10 AMANQAKU** | -Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, isigama zifaneleke ngokukodwa kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo nakwisimo sentlalo.<br>-Ulwimi lusetyenziswe ngokuchanekileyo kwaye lwakhiwe ngokukuko.<br>-Phantse kungabikho nasinye isiphene segrama nopelo. | -Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, isigama zifaneleke kakhulu kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nakwisimo sentlalo.<br>-Ubukhulu becala ulwimi lusetyenziswe ngokukuko nangokuchanekileyo<br>-Isigama sichaneke kakuhle.<br>-Ubukhulu becala akukho ziphene. | -Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, isigama zifanelekile kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nesimo sentlalo.<br>-Kukho iziphene ezimbalwa zolwimi.<br>-kukho isigama esaneleyo.<br>-Iziphene aziyichaphazeli intsingiselo. | -Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, isigama asifanelekanga ngokupheleleyo kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nesimo sentlalo.<br>-Ukusetyenziswa kolwimi ngokungachanekanga kubangela iziphene ezibaxekileyo.<br>-Intsingiselo ilahlekile. | -Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, isigama asihambelani nenjongo, abantu ekujoliswe kubo nesimo sentlalo.<br>-Izele ziziphene yaye iyabhidisa.<br>-Isigama asihambelani nenjongo.<br>-Intsingiselo ichaphazeleke ngokukodwa. |

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha